Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

JANYUWARI 2020

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

IBLUE FLAGS YASE-OVERSTRAND *IPHEPHEZELA NGOKUZINGCA!*

IBLUE FLAG YAPHAKANYISWA OKOKUQALA KWICASTLE BEACH: IBlue Flag yaphakanyiswa ngokusesikweni kwiCastle Beach ngolwesiHlanu umhla wama-29 kuNovemba 2019, inika olu nxweme imvume yokubalelwa kwiqela elikumgamgatho ophezulu lwamanxweme. Kumsitho wokuphakanyiswa kweflegi, uSodolophu wesiGqeba wase-Overstrand uDudley Coetzee ubulele bonke abachaphazelekayo ngeendima ezahlukeneyo abathe bazidlala ekubeni kufumaneke enye IBlue Flag ye-Overstrand. Abasemfanekisweni apha kunye noSodolophu kunye nooCeba Riana de Coning no-Andrew Komani onguMlawuli woMmandla waseGansbaai uKat Myburg, umququzeleli weBlue Flag uLauren Rainbird, uMlawuli woKhenketho waseGansbaai uGlenda Kitley, umongameli ophezulu oligosa lonyanzeliso lomthetho uTony Blankenberg, amalungu eqela le-Working for the Coast, abasebenzi bokusebenza baseGansbaai, amalungu ekomiti yewodi kunye namanye amaqela anomdla awahlukeneyo.

Umhla woku-1 kuDecemba 2019 uluphawu lokuqalisa kwexesha leBlue Flag e-Overstrand kunye neGrotto, Hawston, Kleinmond kunye neCastle Beach wokubhengezwa ukuba avuliwe kulungiselelwa ihlobo.

Njengoko kulindelekile, umsitho wokuphakanyiswa kweflegi wazinyaswa ngabachaphazelekayo abahlukeneyo kunye namagosa azingcayo kakhulu ngento yokokuba umasipala egcine iwonga njengoko kungqiniwe lihlabathi okokuba i-Overstrand yindawo esemgangathweni olungileyo yokufikela. Abahlali kunye nabachithi bekhefu ngokufanayo bangazonwabisa ngamaza benolwazi oluqinisekileyo lokokuba bakhuselekile yaye baya kufumana izibonelelo ezilungileyo.

Iwonga leBlue Flag liya kuhlala de kube ngumhla we-15 kuJanyuwari 2020 kwiHawston nakwiKleinmond. Kwimeko yeCastle Beach ePearly Beach ethe yafumana iwonga leBlue Flag okokuqala apha ebomini bayo, iBlue Flag iya kuphephezela de kube ngumhla we-11 kuJanyuwari 2020. IBlue Flag yaseGrotto iya kuhlala iphephezela de kube ngumhla wama-31 kuMatshi 2020

UNxweme lwe-Onrus lunikwe iwonga leBlue Flag elilingwayo okokuqala, yaye uhlolo lwamanzi luya kwenziwa phakathi komhla woku-1 kuDisemba 2019 nomhla we-15 kuJanyuwari 2020. Ngokuhambelana noku kungasentla, iinkonzo zohlangulo lobomi nezokhuseleko ziya kusebenza ngokupheleleyo phakathi kwentsimbi yesi-09:00 neye-18:00 kula manxweme angasentla.

UMasipala usebenza ngokusondeleyo neWESSA (Wildlife and Environmental Society of South Africa) ukuphucula imimandla ejongene nonxweme kunye namaxweme akhe. Iwonga keBlue Flag yingqinisekiso yehlabathi yokwamkeleka yaye umasipala kufuneka enze isicelo rhoqo ngonyaka ukuhlaziya iwonga lamanxweme akhe. Amanxweme eBlue Flag kufuneka ahambelane kwiinqobo zokukhetha ezingqongqo, ezingxabalaze kwimimandla emine yolawulo lonxweme. Imimandla emine kukulunga kwamanzi, imfundo yendalo, ulawulo lwendalo nokhuselo. Eli lixesha le-19 outhe uNxweme lweGrotto lwfumana iwonga leBlue Flag, ngeli thuba iHawston neKleinmond aphephezelise iiflegi zawo ithuba le-14.

Kuphakanyiso kweBlue Flag eKleinmond ibingaba (ngasemva ukusuka ekhohlo ukuya ekunene) ngohlangula ubomi uRodrigo Majiet, igosa elinyanzelisa umthetho uReginald Smith, uMlawuli woMmandla waseKleinmond uDesmond Lakey, ooCeba beWodi 10 kunye nabeWodi 9 uFanie Krige kunye noGrant Cohen, umphathi weKleinmond Blue Flag uDencil Arendse kunye noCeba uCharmaine Resandt. Ngaphambili ngabahlangula ubomi uNiezaamoedien Trollip, Mlondi Jula, Nhlanhla Maphumulo, Raziel Henkeman kunye noRiyaad Isaacs.

Abantu abakhubazekileyo banakho ukusebenzisa iinqwelo ezinamavili zonxweme eGrotto naseKleinmond.

Abanini bezinja abasebenzisa amanxweme ase-Overstrand athe afumana iwonga leBlue Flag kufuneka ahloniphe iimfuno zeBlue Flag ngeli thuba. Abanini bezi zilwanyana zasendlwini bayacelwa ngokunjalo ukuba bangaligqumeleli Ilindle lezinja esantini okanye balilahle elwandle, kodwa mabaliqokelele ze balilahle ngendlela efanelekileyo nenempilo.

IINOMBOLO ZE-AKHAWUNTI YEBHANKA

Nceda qinisekisa okokuba usebenzisa inombolo elungileyo.

Umthetho unyanzelisa umasipala ukuba ahlaziye ithenda yakhe yeenkonzo zokubhankisha rhoqo emva kweminyaka emihlanu. INedbank yayinikwe le thenda bjengoko ifezekise zonke iimfuno zethenda, kubandakanywa nemirhumo yokubhankisha. akuxhomekeke kuhlobo lwentlawulo eyenziwa kumasipala, ezi nombolo ze-akhawunti zilandelayo ziyasebenza:

Ii-Akhawunti zikaMasipala (imirhumo neerhafu)

→ Inombolo ye-akhawunti yaseNedbank: 1190136899

Le akhawunti isetyenziselwa kuphela intlawulo yee-akhawunti kamasipala yarhoqo ngenyanga. Intlawulo kufuneka ibandakanye inombolo ye-akhawunti enamani ali-12 njengesikhokhelo. UMasipala wase-Overstrand ucela bonke abahlawuli berhafu okokuba baqinisekise okokuba baziguqule iinkcukacha zabo zentlawulo ukusuka kwi-akhawunti endala yase-Absa bazisa kwi-akhawunti entsha yaseNedbank.

Abahlawuli berhafu abahlawula ii-akhawunti besebenzisa i-intanethi baya khuthazwa okokuba bahlaziye iinkcukacha zabaxhamli babo nokusebenzisa iinkcukacha ezintsha ze-akhawunti elungileyo yebhanka xa behlawula i-akhawunti zabo zarhoqo ngenyanga: Inombolo ye-akhawunti yaseNedbank: 1190136899
Uhlobo lwe-akhawunti: I-akhawunti yetshekhi
Ikhowudi yesebe esetyenziswayo: 198765
Iseba: Inland Garden Route
Ikhowudi yeSWIFT: NEDSZAJJ

Izohlwayo zezithuthi zaseOverstrand

→ Inombolo ye-akhawunti yaseNedbank: 1190137186

Le akhawunti isetyenziselwa kuphela intlawulo yezohlwayo zezithuthi zoMasipala wase-Overstrand yaye intlawulo kufuneka ibandakanye inombolo yesikhombisi enamanani ali-10 ukuya kwi-16 eboniswe kwisohlwayo. Nceda uqaphele yokokuba uphawu "/" akufuneki lubandakanywe kwinombolo yesikhombisi.

Ukuhlaziywa kwamaphepha-mvume/ izicwangciso zokwakha / ufakelo olutsha, njl.njl.

→ Inonmbolo ye-akhawunti yaseNedbank: 1190136678

Le yi-akhawunti ephambili yoMasipala wase-Overstrand yaye ilungiselelwe intlawulo yemirhumo efana nokuhlaziywa kwamaphepha - mvume, izicwangciso zokwakha, ukufakelwa okutsha kwamanzi nombane, ukuqaliswa kokusetyenziswa kwesikhephe, ucwangciso lwedolophu, njl.njl. Abaxhamli benkonzo bayacelwa okokuba bafumane inombolo yesikhokhelo kumasipala phambi kokuba badipozithe imali kwezi meko.

I-Onrus Caravan Park

→ Inombolo ye-akhawunti yaseNedbank: 1190137674

Le akhawunti isetyenziselwa kuphela intlawulo yemirhumo yokukampisha ye-Onrus Caravan Park, yaye intlawulo kufuneka ibandakanye inombolo yokubhukisha.

NEDBANK

IZINJA NAMANXWEME

Ngesicelo sikaSodolophu wesiGqeba uDudley Coetzee, uMasipala wese-Overstrand, esiququzelelwa yiNature's Valley Trust, uya kuqhuba ufundo olulingwayo lweenyanga ezintandathu ngowama-2020 apho amanxweme aya kucandwa ukulungiselela ukunikezela izilwanyana ezingabahlobo babahlali kunye nesithuba sobomi basendle okokuba bonwabele unxweme lwethu olunesanti ngokulungileyo.

Ulingo luya kuqhutywa kumanxweme aseHermanus, eGansbaai naseKleinmond yaye unxweme ngalunye kula luya kuba nommandla **OLUHLAZA** (ikhululwe intambo), **O-ORENJI** (inentambo) ze **OBOMVU** (akufuneki zinja). Qaphela, nangona izinja kufuneka zibe phants kolawulo lwabanini bazo ngalo lonke ixesha nokokuba nguwuphi na ummandla, ilindle kufuneka lisuswe elunxwemeni.

Umjikelo wokuqala wengxoxo kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo ezinxulumene nolingo olucetywayo osele luqalisiwe, yaye ucweyo loluntu luya kubanjwa ngesithuba sesiqingatha sesibini sikaJanyuwari 2020 ukuvelisa le ngqikelelo. Emva kwangoko, isindululo sokugqibela siya kunikezelwa kuluntu ukufumana izimvo phambi kokuba sithiwe thaca kwiBhunga okokuba lisiqwalasele. Masijolise kumaphepha-ndaba engingqi ukulungiselela ingcaciso engaphezulu kulo mba.

Linguqu kwimithetho yonxweme yesi sithuba solingo iya kuxelwa kumaqonga awahlukeneyo, yaye uphawu olutsha kunye neemaphu ziya kunikezelwa ukulwenza utshintsho lwesithuba esiphakathi lube lolungenaziphene yaye lungabi naluxinzelelo.

Ngokweli thutyana, izinja mazihlale zisentanjeni kuwo onke amanxweme. Qaphela, ngokunjalo, into yokokuba akukho zinja zivunyelweyo kwiGrotto, eHawston, kuNxweme lCastle naseKleinmond ngeli thuba lBlue Flag iphephezelayo.

Abanini bezilwanyana zasekhaya baceliwe ngokunjalo okokuba bangaligqumeleli ilindle lezinja esantini okanye balilahle elwandle: Coca emva kokuba inja yakho ingcolisile sebenzisa iingxowa zelindle ekuya kufuneka ilahlwe kumgqomo ofanele oku.

IZINJA KUNYE NEENTAKA ZONXWEME

Iintaka zaselunxwemeni zichaphazeleka kakubi bubukho bezinja kumanxweme: Kwimimandla ethile, impumelelo yokuzala iba phantsi iyokutsho kwi-10%. Oku akubangelwa kukuba iintaka zinokuhlaselwa okanye zenzakaliswe zizinja kodwa kungenxa yokuba amaqondo obushushu ehlotyeni awatshisa amaqanda de afikelelel kwiqondo lokufa kungadlulanga nje nemizuzu emihlanu.

Ngethuba lasehlotyeni iintaka zaselunxwemeni ziyawafukama ukuwagcina amaqanda epholile. Ngoko, ukuba ngaba abazali abafukamayo abahleli emaqandeni basoloko bephazanyiswa, oku kungakukufa ngemizuzu nje engephi.

IZINJA EZIHAMBA EFERNKLOOF

Kutshanje, kuchazwe into yokokuba izinja zibonwe zizhambela zingabanjwanga ngentambo kwiziko labatyeleli eliseFernkloof Nature Reserve.Qaphela into yokokuba nangona izinja zivunyelwe kwiBlue Route, ngokunjalo nakwizitiya zezityalo, kufuneka zigcinwe zibotshelelwe ngentambo ngawo onke amaxesha.

Nceda uqinisekise ngento yokokuba izinja kwiindledlana ezityunjiweyo, hlonipha imithetho, yaye kufuneka ube nentekelelo yabanye abanini bezinja kunye nabasebenzisi bolondolozo lwendalo ngokugcina izinja zikolawulo ngalo lonke ixesha zisentanjeni yaye ziphantsi kolawulo ngawo onke amaxesha. Izinja zamkelekile ngokunjalo eCliff Path ukuba ngaba zisentanjeni. Iibrowusha zeCliff Path ziyafumaneka kwiziko labatyeleli kugcino.

I-Overstrand ijoyine uThungelwano lweZixeko zoYilo lwe-UNESCO

IHermanus kunye needolophana zayo ezisebumelwaneni zichwayite kakhulu kukubandakanywa njengendawo yokufikela yokuqala yoMzantsi Afrika okokuba ijoyine uThungrlwano lweZixeko zoYilo lwe-UNESCO njengeCity of Gastronomy. Ulwaziso lwenziwa ngomhla wama-30 ku-Oktobha wama-2019 eParis kuthetha ukuba i-Overstrnd yindawo yokufikela yesithathu kuphela, emva kweKapa kunye neDurban, ukujoyina olu thungelwano. Olu fezekiso luguqule ukuqhuba kwimbonakalo yonxweme yoMzantsi Afrika ukususela eRooi Els ukuya eKleinmond nokuqhubeka uye eHermanus, eStanford kunye neGansbaai into kube lunxweme lwezityalo kunye nabavelisi abancinane, amafama, amashishini ewayini, imizi yosilo-tywala, ivenkile zaphandle zasefama neendawo zokutyisa ezibambe isithembiso zokuvelisa izityo ezinencasa eya kunanditshwa apha eluhambeni.

Ekufunyanweni kwezi ndaba zilungileyo, uSodolophu wesiGqeba woMasipala wase-Overstrand uDudley Coetzee uthe "sivuye kakhulu sisifezekiso esithe savuza umsebenzi wethu owenziwe ngabantu abaninzi kunye namashishini ekubaluleni amava ezityo ezinikezelwa yi-Overstrand, okanye yiCape Whale Coast ngale ndlela saziwa ngayo".

Iingxoxo eziphathelelene nongeniso lwe-UNESCO ziqalise kwisithuba se-Indaba sowama-2019, ezalandelwa zizincoko ezibalulekileyo emva kwangoko eHermanus.

UDarryl David, umbhali ovunyiweyo nomfundisi-ntsapho, wakhokhela ungeniso. Le yimpumelelo kubathandi bentlanzi, kubabhaki beepanikeyiki, kubenzi bewayini, kubasili bebhiya, imizi - mveliso yewiski, izidlakudla, amafama, abagcadi bekofu, abagcini beevenkile eziphandle zasefama, abavuni beziqhamo, kunye nabazamisi beembiza.

Ibonise ngokunjalo intsebenziswano phakathi korhulumente kunye necandelo langasese, okokoko kubekho ulwamkelo ngabezopolitiko ngokunjalo nokuboniswa kwendlela amashishini engingqi asebenza ngayo kakuhle ekunikeleni ngamava okupheka adingekayo. Indlela "yeendawo zethu zokutyela' yokufuna iimveliso kusetyenziswa iinkqubo ezizinzileyo zokutya ezifana nelinge la-Abalobi leWWF lidlale indima ukwenzeni oku ukuba kuqhubeke," utshilo uFrieda Lloyd, uMlawuli woKHenketho weCape Whale Coast. Ngokubhekiselele kuye, olu hlobo loncomo lungqina indlela iingingqi kunye needolophu ezingazimilisela ngayo ngokuthi zihambe phambili kulwazi lwentsingiselo yehlabathi. "Sincoma Iqela leCape Whale Coast ngokwandisa okunikezelwa yiCape Overberg ukuzama ukurhwebesha nokuhenda uluntu ngokubanzi oluphuma kwiimarike zethu zengingqi nezehlabathi," utshilo uTim Harris, iCEO yeWesgro. "Ukunikwa ingqwalasela yiUNESCO lufezekiso olubalulekileyo yaye luya kunceda ngaphezulu ekuboniseni amagaqa angaziwa kakhulu ale ngingqi."

Le ngqwalasela yehlabathi ivuma ububanzi bencasa enikezelwayo yaye inikezela ngethuba lokuphuhliso okunikezelwayo kurhwebo lolwamkelo, kufuyo nakuluntu lokuloba lobukhulu beCape Whale Coast.

NgeCawa umhla we-19 kuJanyuwari, umdlali wepiyano ohlonitshwayo lihlabathi uGUSTAVO ROMERO ophuma e-USA uya kudlala kwikonsathi i-all-Beethoven ngentsimbi ye-15:30 kwiCivic Auditorium eHermanus. Amatikiti ali-R150 yaye ayafumanek kwi-Ofisi yoKhenketho kule nombolo yomnxeba 028 312 2629. Ukubuza, tsalela umnxeba uRené du Plooy kule nombolo 082 940 4238.

UKULUNGISWA KWEZINTO EBEZISETYENZISIWE ZIBE NOKUSETYENZISWA KWAKHONA KWASE-OVERSTRAND

Apho sikhoyo nokunikwa kwengcaciso ngokubheka phambili

Umasipala ufumene imibuzo emininzi evela kubahlali ephathelelene nokuvalwa kweWalker Bay Recycling nokunqongophala kwamaziko okulungiswa kwezinto ezisetyenzisiweyo zibe nokusetyenziswa kwakhona.

Nantsi inyaniso:

UMasipala wase-Overstrand akabanga nakho ukunceda nangaluphi na uhlobo loncedo kwiWalker Bay Recycling ngenxa yokokuba bayinkampani yangasese esebenzela kwipropati yangasese yaye ayinaso nasiphi na isivumelwano okanye ikhontrakti kunye nomasipala sokulungiswa kwenkunkuma esetyenzisiwe ze ibe nokusetyenziswa kwakhona. IWalker Bay Recycling yaziswa kwintlanganiso yethu yokuqala kunye nabo ngento yokokuba asikwazi ukubanika naluphi na uhlobo loncedo ngenxa yezithintelo zomthetho. Kuya kufuneka balinde de kwakhiwe iMaterial Recovery Facility (MRF) entsha kamasipala, ngelo xesha ke baya kuba nakho ukufaka ithenda - kunye naye nawuphi na umntu- yokusebenzisa iziko, ukuba ngaba bathabda ukungena kwisivumelwano sokulungiswa kwezinto ebezisetyenzisiwe zibe nokusebenza kwakhona kunye noMasipala wase-Overstrand. Siyazi kananjalo okokuba ukuhla komrhumo ohlawulwa ngetoni wezinto ezinakho ukuba zingaguqulwa ziphinde zisetyenziswe kube nempembelelo enkulu kukulungela ngokwemali ukuba ngabaguquli benkunkuma eMzantsi Afrika ngokubanzi. Ingakumbi urhwebo lwephepha lukwindawo engentle kakhuluu ngokwakaloku nje, njengoko ixabiso lemarike le K4 (ikhadibhodi) libonisa:

Ekuqaleni konyaka	± R1 500/ton
Ekuqaleni kukaNovemba 2019	± R400/iton
Phakathi kuNovemba 2019	± R200/iton
Ngokwakaloku nje	± R100/iton

Kwintlanganiso yeWestern Cape Recycling Action Group ebibanjwe ngoNovemba 2019 eKraaifontein, abazimasileyo baziswa okokuba iikontrakta ezincinane ezingama-35 zokuguqulwa kwenkunkuma zisemngciphekweni wokuvala ngenxa yeemeko ezingamkelekanga zemarike. Ngaphezulu, iMpact Recycling ipapashe into yokokuba baza kuyeka ukuguqula kwepolyethylene terephthalate (PET kwiziko labo iWadeville.

Inkqubela phambili yeMaterials Recovery Facility (MRF) entsha, ukulahlwa kwenkunkuma luluntu kunye nommandla wokuxoza inkunkuma yasegadini

I-MRF nezibonelelo ekulahlwa kuzo liya kuba seSchulphoek Road, esecaleni kwemisebenzi yonyango lwemibhobho yamanzi amdaka, kunye nesibonelelo sokucandwa siya kwakhiwa ecalen kwezakhiwo zonyanzeliso lomthetho eHemel-en-Aarde kwiCamphill Road.

Ulungiselelo lwethenda lolwakhiwo lwezibonelelo sele luphantse lwagqityezelwa, yaye ithenda iya kupapashwa ngoJanyuwari 2020. Kuqikelelwa into yokokuba ulwakhiwo lufanele ukuba luqukunjelwe ngoDisemba 2020, ukuba ngaba akubangakho lulityaziso luthe lwenzeka lungalindelwanga. Kuya kuthi nje ukuba iziko leMRF lakuba lisebenza umasipala uya kuqalisa ngonikezelo nokuqokelelwa kweebhegi ezingenzmbala nokunikezelwa kwazo kumsebenzisi omtsha weMRF.

Izimvo ngeentlanganiso kunye nonxibelelwano kunye neWalker Bay Recycling (WBR)

Ngethuba lonyaka, iintlanganiso ezininzi zibanjiwe kunye neWBR ekuthe kwaxoxwa le miba ilandelayo:

- Ulwakhiwo lweMRF entsha kamasipala yaye ithenda ecetywayo eya kulandela elungiselelwe umsebenzisi weli ziko;
- Izizathu zokokuba kungakhange kufunwe ithenda yethutyana kunye nokuguqulwa kweebhegi ezingenambala;
- Ufikelelo kwiingxowa zikamasipala ezingenambala (inkunkuma yasekhaya yokuguqulwa) kunye nesizathu sokokuba umasipala kutheni umasipala engenakho ukuqokelela nokunikezela izinto ezinokuguqulwa kwiWBR kunye nezizathu ezibangela kungabinakho ukuqokelelwa kwicala lesinqandi ngokwemiqathango yomthetho oyilwayo wenkunkuma;
- Into yokokuba umasipala akanakho ukunikezela naluphi na uncedo lwemali kwiWBR okanye inkuthazo yokuguqula inkunkuma njengoko i-Ovestrand ingenasivumelwano kunye nabo ukulungiselela ukunikezelwa kwenkonzo egameni likamasipala.

Abameli beWBR babonakala benengqiqo elungileyo yengqiqo kamasipala ngethuba lazo zonke iingxoxo phakathi kwamaqela.

Nciphisa uphawu lwakho lwekhabhoni

Nangona kukho zonke ezi zimvo zibi, abahlali mabaqiniseke ngento yokokuba uMasipala wase-Overstrand uzibophelele kwinkqubo yokuguqulwa kwezinto eziaebenzileyo iyindlela phofu esebenzayo yokulondoloza izibonelelo zendalo ze kuthotywe iimveliso zenkunkuma ezithunyelwa kwiindawo zokulahlwa kwenkunkuma. Senza isicelo kubahlali okokuba bacinge ngononophelo phambi kokuba balahle izinto kumgqomo wenkunkuma. Nceda nciphisa ze usebenzise kwakhona inkunkuma yasekhaya uze uzame ukushiya uphawu lwekhabhoni kangangoko unakho, nangona yonke inkunkumaeqokelelweyo iyalahlwa kwindawo yokulwahlwa kwenkunkuma iKarwyderskraa.

Apho iimfene zingemba, ikhaya ngalinye livunyelwe ukuba libeke umgqomo onamavili omnye okanye iingxowa zeplastiki ezimnyama ecaleni lendlela okokuba zithuthwe. Imigqomo kufuneka itshixwe ngezixhobo zokutshixa ezilungiselelwe iimfene kuyo yonke imimandla echongwe ngumasipala njengemimandla enezilwanyana eziyingxaki. Makungashiywa zingxowa zenkunkuma kwiipavumente kwimimandla enengxaki yeemfene.